

# Ucwawgciso Sifundo Yesine Amatyathanga Okutya

## IZIPHUMO EZIMANDUNDU

**CO#2:** Yiba nokusebenzisana kakuhle nabanye eqeleni, embuthweni okanye.

**CO#3:** Zilawule uzilungiselele nezenzo zakho ngentembeke nangesiphumezo.

**CO#5:** Nxebelelana kakuhle usebenzisa ubuchule bokubonakalisa, bezibalo okanye/nobentatho ngokwencoko okanye/nangokokubhala.

## IZIPHUMO ZEMFUNDO

**LO#2:** Umfundi uza kukwazi, abenakho ukuqonda nokusebenzisa ulwazi lwenzululwazi, olwenkcubekho, nolwemimmandla.

**Ubuchule Benkqubo:**

Ulandelo-Nkcazelo

Ukuhlela

Unxebelelwano


## AMABANGA OXABISO

Ukhumbulo lwazi olunentsingiselo xa kudingekile.

Uhlahlelo lwazi ukuze kubenonciphiso bunzima boqondo nokhangelo zimpinda.

## UKUFUNDISA KWESIFUNDO

Hlola amvelaphi livazi lwamatyathanga okutya, efumaneka kuphepha24, ucaciselo abafundi iingqiqo kubafundi usebenzisa iiazobe ezinge zantsi.



(izikhombisi zibonisa ikuba zeziphi izinto eziphilayo ezizingela zitye ezinye, ukuba uyafuna ukubonisa ugqithiso mandla kolu luhlu, guqula amacala ezikhombisi.)



## ISENZO 1 - iphiramidi yokutya

Sebenzisa icwecwe lomfanekiso wotyathanga lokutya, sika imifanekiso uyincamathisele kima-cwecwe ahlukeneyo phantsi kwezihloki ezifanekileyo ezeemvelisi, izityi zodidi lokuqala (primary consumers) / izilo ezitya utyani, izityi zodidi lwesibini / izilo ezitya inyama. Kananjalo ungakupha amaphepha uwanike amaqela abafundi ubathuma ukuba babhale izihloko kwicwecwe lephepha, begcwalisa amagama ezilwanyana ezibonakaliswe ecwecweni phantsi kwesihloko esifaneleyo. Abafundi bazo kungenisa iphepha lomfanekiso emva kwesenzo okunoku vumela ubendkuwasebenzisa kwiqela elilandelayo.



## ISENZO 2 - amatyathanga okutya

Sebenzisa icwecwe lomfanekiso wamatyathanga okutya elikhutshiweyo. Ahlula iklasi ibe ngamaqela amathathu. Iqela ngalinye kufuneka lisebenzise imifanekiso ekwelicwecwe ukubumba ityathanga lokutya nophinyephinye wokutya. Iqela ngalinye lifumana ithuba lokubonisa iklasi likwachaza ukuba kutheni besebenzise lemifanekiso bayisebenzisileyo. (Kananjalo banakho ukubhala phantsi nje lomagama ezo zinto ziphilayo kwisazobe njenga ngasentla okukuvumela ukuba uphinde usebenzise umfanekiso cwecwe).



## UXABISO

Ukhangelo luhlu lotyathango lokutya nophinyephinye lokutya

INGXELO XABISO	UPHAWU ( X / Y )
Izazobe zilebhelwe ngokucacileyo	
Izinto eziphilayo zibekwe ngendlela ngobuchule bokuqiqisa	
Izalathiso zalathisa kwiinkcazelo ezizizo.	
Abafundi bakwazile ukucacisela iklasi, kakuhle, ukuba kutheni lento bekhetho ulandelaniso abalukhethileyo.	



## ISENZO 3 - bumba iphiramidi yokutya

Thumela umfundi ngaminye aze netoti engananto yesiselo esibandayo nemifanekiso, ephuma ezincwadini, eyezityalo, iinyamakazi, izinja, iikati njl-njl (ukutsho imizekelo yeemvelisi, izilo ezitya utyani nezitya inyama) phambi kwesifundo. Okanye ungabanika kwecwe lomfanekiso watyathango lokutya ukuze basike basebenzise loomifanekiso. Ahlula iklasi ibengamaqela avafundi abasithandathu ngaqela benecwecwe lomfanekiso wotyathango lokutya neetoti ezi-6 kwiqela ngalinye. Cacisa ngoshwanakathelo iingqikelelo yephiramidi zokutya kubafundi. Bacele ukuba babumbe iphiramidi yokutya engeyabo besebenzisa iitoti nemifanekiso. Iphiramidi nganye kufuneka ibenomzantsi weetoti ezintathu nganye inemvelisi, umgangatho wesibini kufuneka ubeneetoti ezimbini izinezilo ezitya utyani netoti enye enesidla nyama ngaphezulu. Vumela iqela ngalinye lineke umboniso weephiramidi zawo kwiklasi, echaza uhlobo lwezinto eziphilayo eziyinxalenye yephiramidi nehlobo ezixhomekeke ngayo, enye kwenye, ngamandla. Amaqela kufuneka esebenzise anagama: iimvelisi, izilo ezitya utyani, izilo ezitya inyama bekwa qonda udluliso mandla kwiphiramidi. Njenge klasi bumbani iphiramidikazi enye enkulu ngoku sebenzisa iphiramidi yeqela ngalinye. Xoxani ubaluleko logcino-xhathiso kwindawo yokuhlala. Xa unokususa itoti ibenye lwephiramidi, uxokelelwano lonke lubankenkenke okanye ludilike. Gxininisisa ukubaluleka kwesilo ngasinye kwilizwe lendalo.



## UXABISO

Inkcazo-xabiso yephiramidi yokutya:

1	2	3	4
Abafundi ababonisa qondo/khumbulo lwazi kulwakhiwo lwephiramidi nakumbonisa wabo.	Abafundi bahlahlele ngokulungileyo ixesha elininzi bebonakalisa ukungakhumbuli lwazi louxoxiweyo.	Abafundi bakwazile ukukhumbula ngokokufanelekileyo ulwazi olululo ukwenzela ukwakha iphiramidi, bezihlahlela ngendlela nezilo.	Abafundi babonakalise uqondo olunzulu lwephiramidi abayakhileyo. Iphiramidi yakhiwe ngendlela eyiyo inohlalelo olulungileyo.


**Okuqhagamshelene nolwimi:**

Ezi zenzo zingasetyenziselwa ekukwenzeni uxabiso lweziphumo zelwimi ezilandelayo:

ISIPHUMO SESIFUNDO	IBANGA LOXABISO
LO#2: Ukuthetha	Usebenzisa ubuchule boqhagamshelwano noburhalarhume bokusebenzisana ngokwamaqela.
	Usebenzisa ilwimi yomzimba (body language) eyiyo nobuchule bemiboniso.



**ICWECWE LOMFANEKISO WAMATYATHANGA OKUTYA:**



## IMVELAPHI - amatyathanga okutya

### Iikati nojikelo nlandla:

Amendu engwenkala namandla engonyanya azincedisa ekubambeni amaxhoba azo. Ikati ezinku zizilo ezitya inyama zikwadrhala indima ebalulekheyo nojikelo mandla, okuthi ncam noxhathiso jikelele lobomi. Isilo ngasinye sidinga ukufumana amandla kwenye indawo, amanye amatyathanga avonakalisa apho isityalo okanye isilo sifumana khona amandla kwindawo yaso yokuphila. Utyathanga olunye alu bonakalisi zonke iinglamvu zamandla ezinto eziphilayo, imizekelo nje yodwa. Uphinyephinye lokutya, oluneenkukacha ezininzi, luthathela ingqalelo zonke iingamby zamandla phakathi kwezinto eziphilayo kwiindawo ezihlala kuzo. Ngoko ke ungatsho ukuba kuyi ngqokelela yawo onke amatyathanga okutya kulondawo yokuphila.

### Ujikelo mandla lusebenza njani?

#### Ubusazi?

Izilo ezitya  
inyama zitya  
ezinye izilo  
kuphela

Ilanga yingcambu yamandla kwityathanga lokutya okanye uphinyephinye. Izityalo enye yezinto eziphilayo emhlabeni ezinoku guqula amandla elanga liku kwenza likutya kwazo, zibizwa ngeemvelisi. Imvelisi ngolohlobo zixhasa bonde obunye ubomi imhlabeni ngokuthe okanye ngokunga/tshongo ngqo. Izilo ezitya utyani (izityi zodidi lokuqala) zilinyathelo elilandelayo kujikelo mandla, zitya izityalo zodwa ukuze zifumane amandla azo. Izilo ezitya utyani ziquka indlulamthi, inyamakazi, izikrekrethi ezininzi, igusha, iibhokhwe neenkomo, zikwa qjelaniselwe uqokelelo, ugobo nolwetyiso zityalo. Ezinye ziqwalasea iindawo ezifana namagqabi, iimbewu, uxolo nee / okanye iingcambu zodwa. Inyathelo elilandelayo zizilo ezitya inyama kujikelo mandla (izitya zodidi lwesibini). Izilo ezitya inyama zezo zilo zitya kuphela ezinye izilo ukuze zifumane amandla zikwaquka iikati, izinja, iintaka ezizngelayo, ookrebe nezinye iintlobo zeenyoka. Izilo ezitya inyama notyani zenzelwe ukuba zikwazi ukufumana amandla kwezinye izilo nezityalo. Eminye imizekelo ezi zilo ziihago, iincanda kwekunyee nee-badger. Xa izityalo nezilo zisifa, amandla agunwe emizimbeni azo atyeswa zizilo eziphila ngenyama ebunayo, ziqala inkqubo yokubona. Ezinye izilo ezaziwa njengezibunisi (izirhubuluzi, inkowane, intsholongwane) ziguqulela izilo ezifileyo ekubeni zizondlo nomhlaba. Ujikelo mandla lupinda luqale okutsha njengo kuba izityalo zisebenzisa ezi zondlo nomhlaba ukuze zikhule. Ngoko uphinyephinye lokutya kulujikelo mandla endawo yokuphila.

Njengokuba amatyathanga okutha neempinyempinye zokutya zibonakalisa ubuklwekwane bamandla, iiphiramidi zolutya zibonisa uthelekiso bungakanani lweenvelisi, izilo ezitya utyani nezilo ezitya inyama kulo ndawo yokuphila. Izityalo zezona zinto eziphilayo ezininzi, zineengcambo zamandla ezingunaphakade, ilanga. Ingqokelela yeemvelisa inobona bunzima buhulu ikwagcina awona mandla maninzi, ngoko zenza umphantsi wephiramidi yokutya. Izilo ezitya utyani zenza umgangatho olandelayo kwiphiramidi yokutya. Njengoko zifumana umandla azo ngqo kwiimvelisi. Ngenxa yento ekhoyo yokuba amandla ayalahleka kunyathelo ngalunye kwephiramidi, kuza kusoloko kubakho izilo ezitya utyani ezimbalwa kuneemvelisa kubekho izilo ezitya inyama ezimbalwa (elowa nyathelo liphezulu lephiramidi) kuneezilo ezitya utyani. Amandla ayalahlela kwinyathelo ngalinye njengokuba amanye akatyiswa, amanye aketyiswa amanye anetyenziselwa ukwenza iinkqubo zomzimba.

### Kutheni lento ezi ndlelwano zibaluleke kangaka?

Iziphenyuphenyu neephiramidi zokutya zigxininisa indima ebalulekileyo yazo zonke izidalwa ngokubonakalisa iinkxomekeko ezixhoyo endalweni. Ngokususa icebetshu loophinyephinye okanye lephiramidi uxhathiso lwendalo luza kwaphuka. Ilungu ngalinye lixhomekeke kwelinye kujikelo lwamandla.

